Isalathiso: 20210721-4498
Inombolo yefayili: 12/17/11
Imibuzo: E Brown

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala kuzo zonke izikolo zikarhulumente

Isihloko: ISikhokelo se-*ePortal Learner Dashboard* ehlaziyiweyo yeSebe I-WCED eyenzelwe abafundi abakwiSigaba seMfundo eQhubekayo noQeqesho

1. I-*ePortal* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) (*https://wcedeportal.co.za/*) yisayithi yemfundo ekhethwayo ngokumalunga nekhontenti yedijithali yayo ukulungiselela zonke izikolo zaseNtshona Koloni, kubandakanywa ootitshala, abafundi, abazali nabaphathi besikolo.

2. I-*ePortal* ibonelela ngesistim i-*Learner Dashboard* kubafundi bamaBakala10–12 abakwicandelo leMfundo eQhubelekayo noQeqesho (*FET*). Injongo yesistim i-*Learner Dashboard* kukunika inkxaso nokomeleza iinkqubo (*models*) zokufundisa nokufunda ezidityanisiweyo kunye nokuncedisa ngokuxhobisa ngeendlela zobuchule bokufunda ezibhekiselele kwisiqu (*self-directed learning practices*).

3. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunika isikhokelo kootitshala nabafundi becandelo le-*FET* esicacisa ngendlela yokubhalisa nokuba ifunyanwa njani isistim i-*Learner Dashboard* kwiikhompyutha, kwiiselula okanye kwizixhobo eziziimobhayili zabo. (**Makufundwe isiHlomelo A: ISikhokelo sesistim i-*Learner Dashboard***).

4. Emva kokubhalisa kwisistim i-*ePortal*, abafundi becandelo i-*FET* baya kufumana ikhontenti yobuchule bethekhinoloji (*digital content*) echanekileyo efakwe kwiiprofayili zabo ngabacwangcisi bekharityhulam abakhulu bezifundo ngokungqinelana nezifundo abazikhethileyo. Le ndlela yokusebenza iicutha ixesha elininzi abafundi abalichithayo bekhangela izibonelelo ngokunika iisistim zeziBonelelo ezichanekileyo ngokwemigangatho neemfuno zeNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement standards and requirements*). Le ndlela yokusebenza icutha ixesha abafundi abebenokulichitha bekhangela izixhobo zokufunda ngokubonelela ngeesethi zezixhobo zokufunda ezichanekileyo, zasimahla ezingqinelaniswe neKharityhulam i-*CAPS* kunye namabakala ngokukhethekileyo.

5. Xa bengena kwiiprofayili ezibhalisiweyo zabo, abafundi baya kuqaphela iindlela zokusebenza ezimbini ezintsha ezikwi-*home ribbon,* ezizezi, "*My Dashboard*" ne-"*My Profile*":

My profile	Abafundi banako ukuguqula iprofayili yabo ngokuthi bafakele ibakala, isikolo nesifundo abasifundayo. Banako ukukhetha izifundo ezisixhenxe ubuncinane ukuya kwezilishumi ubuninzi.
My Dashboard	Abafundi baya kufumana ikhontenti efakwe kwi-dashboard yabo ihlelwe ngokwezifundo zeveki, ii-*eResources* nangokweemvavanyo. Ii-*eResources* kunako ukuba zihluzwe ngokwekota.

6. Kukhunjuzwa abafundi beBakala 12 ukuba amaphepha oviwo eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neememorandam zeminyaka edlulileyo zinako ukufumaneka kwi-*Learner Space*: *My Dashboard* (*Assessments*) ukuze zisetyenziselwe ukulungiselela iimviwo zokuphela konyaka zabo.

SCAN ME

7. Sele kulungiselelwe ividiyo kliphu ukuncedisa abafundi ukubhalisa nokufumana isistim i-*Learner Dashboard* ikliphu yevidiyo (*video clip*) ilungiselelwe. Kukhuthazwa abafundi ukuba babukele le vidiyo kliphu ngokulandela le linki: (*https://wcedeportal.co.za/eresource/202141*) okanye ngokusikena ikhowudi ye-*QR* (*-QR code)* enikiweyo.

8. Nangayiphi na imibuzo izikolo ezingaba nayo, kucelwa niqhagamshelane nomcebisi ngeze-*eLearning* ngokusebenzisa le linki ilandelayo:

ISithili	**Ilinki**
Metro North	*https://wcedeportal.co.za/metro-north-elearning-team*
Metro Central	*https://wcedeportal.co.za/metro-central-elearning-team*
Metro South	*https://wcedeportal.co.za/metro-south-elearning-team*
Metro East	*https://wcedeportal.co.za/metro-east-elearning-team*
West Coast	*https://wcedeportal.co.za/west-coast-elearning-team*
Cape Winelands	*https://wcedeportal.co.za/cape-winelands-elearning-team*
Overberg	*https://wcedeportal.co.za/overberg-elearning-team*
Eden & Central Karoo	*https://wcedeportal.co.za/eden-and-central-karoo-elearning-team*

9. Kucelwa iinqununu ukuba zazise le ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abafundi nabazali kwicandelo le-*FET* ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-22